# KUTHENI KUBALULEKILE UKUHLELA UBOYA

# (WHY IS IT IMPORTANT TO CLASS WOOL PROPERLY)

NWGA Production Advisor, **XL Nyamela** (Region 24)

**082 967 7099**/ email: nyamelaluvuyo@gmail.com

---

Wool classing is the first and probably the most vital link in the quality chain and presents the woolgrower with a significant opportunity for adding value to his clip.

Sinedidi ngedidi yabafuyi beegusha lonto yenza bafuye iindidi ngendidi zegusha, Zikhona iigusha ezivelisa uboya nenyama ,ezinye zivelisa inyama noboya ezinye zibe noboya obuzinwele(Kemp)

Ezindidi zeegusha zivelisa uboya obohlukileyo kobunye, kodwa kulula ukusebenza ngoboya kuba unjonga ukufana kwabo ngezi zigaba

1. Ubude (length)
2. Umgangatho (Quality)
3. Ukomelela kwabo( Staple strength)
4. Ucoceko ( clean yield)
5. Imbonakalo ( appearance)

Amafama siyawakhuthaza ukudibanisa ubuya babo ngokobude babo kuba xa udibanise uboya obufutshane nobude uthoba ixabiso loboya bakhe obude. Ukuze umfama afumane imali eninzi ngoboya bakhe kufuneka abuhlele ngokulingana kwabo obude budityaniswe bodwa buze obufutshane bubekwe bodwa. Umzekelo uboya obunobude obungu 90mm(A) awunakubudibanisa noboya obungu 60mm(C) uze ubhale okokuba bungu A.

**Umgangatho**

Uboya buyohluka kakhulu ngomgangatho ukusuka KuFine(F), Medium(M) kunye noboya obuStrong(S), xa uboya bungafani ngomgangatho akululanga ukuwubona umohluko phakathi kwabo. Kumaziko angcina uboya ukulungiselela intengiso ayabuphononga uboya ukuze athumele iziphumo kubavelisi

boya ukuze bawazi umgangatho woboya babo, Amafama bawazijonge ezancwadi zibuya kumaziko ooboya kuba zinika ingxelo yonke ngobube boboya ne mikrones ezixela umgangatho.

**Ukomelela Koboya**

Uboya bamacala bubo ekufuneka umhleli boya eteste bona ukujonga ukomelela kwabo, angathathi sampuli kuboya bomqolo kuba bona busoloko buqhawuka ngenxa yokokuba butshiswa lilanga nemvula . Obu bamacala xa buqhawuka nokokuba bude kangakanani awubudibanisi noboya obulingana nabo obungaqhawukiyo, ubufaka kwiclass yoboya obuqhawukayo(Tender wool- TDR). Ukuze obuboya buqhawuke benziwa kukubaphantsi koxinezelelo kwesilwanyana ukujongana nendlala nokugula.

**Ucoceko**

Uboya begusha ngokwendalo yingubo ehlala icocekile kodwa ngokwemeko ezifuywa ngayo nendlela ezihlala ngayo buphela bungcoliseka. Izinto eziphambili ekungcoliseni uboya

1. Ukuzilalisa eludakeni
2. Iminxeba ephuma kwiplastic zemilimili nefeed(Plastic twines)
3. Inombolo nokokuba yeyaluphi uhlobo kunye negazi
4. Idiphu phambi kokucheba
5. Iigusha ezimnyama
6. Iigusha eziRholofu(kempy wool)
7. Iimitshayelo yengca
8. Izinja ezingena kwished
9. Nentsimbi ezisetyenziswa ngabachebi,naseshedini mazilunyukele zingapheleli emabhalini oboyeni
10. Iintshungu,umngonandoda,uvelaphi(Burr)

Xa unomdla wokuvula ingxoxo ngomnye wemiba ebhalwe ngasentla ungonqeni ukubuza kwigosa elikufutshane nawe lakwa National wool Growers

*The National Woolgrowers' Association of SA (NWGA) offers a production advisory service to all wool producers on contract with Cape Wools SA (CWSA), funded by the Wool Trust.*